Wes-Kaapse Provinsiale Parlement
Western Cape Provincial Parliament
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

IZIGQIBO NEEKHORAM

UXWEBHU LWEMIBA 12

UPHENGULULO 1, 4 JULAYI 2016

Yonke imibuzo ephambi kweNdlu igqitywa sisininzi seevoti ezingenisiweyo. IGosa eloNgameleyo linevoti egqibayo qho xa kukho inani elilinganayo leevoti kwicala ngalinye lombuzo.

Ikhoram yobuncinane isithathu saMalungu iyafuneka kwiNdlu ukuba idibane kwaye ixhomekeke kwizibonelelo ezithile ezixeliweyo zoMgaqo-siseko weNtshona Koloni, isininzi saMalungu siyafuneka phambi kokuba isigqibo sibe nakho ukuthatyathwa malunga nomthetho osayilwayo.

UMgaqo-siseko weNtshona Koloni ufuna ezi zininzi zizodwa zilandelayo:

a. ivoti exhasayo yesininzi saMalungu iyafuneka ukuphehlelela isigqibo sokuchitha iPalamente yePhondo, isigqibo sokususa uSomlomo okanye elinye iGosa eloNgameleyo e-ofisini, isiphakamiso sokuphelelwa lithemba kwiKhabhinethi yePhondo, ngaphandle kweNkulumbuso, kunye nesiphakamiso sokuphelelwa lithemba kwiNkulumbuso;
b. ivoti exhasayo yobuncinane ama-60% aMalungu iyafuneka ukuphehlelela isigqibo sokuphumeza ukuqashwa komgqatswa njengoMkhomishinala wezokusiNgqongileyo; kunye
c. ivoti exhasayo yobuncinane isibini esithathwini saMalungu iyafuneka ukuphehlelela nomthetho osayilwayo obonelela ngeempawu zephondo, isigqibo esicela iPalamente kazwelonke ukuba iguqule igama lePhondo, umthetho osayilwayo wokususa, ulungise okanye ubhangise uMgaqo-siseko weNtshona Koloni, isigqibo sokususa iNkulumbuso e-ofisini, kunye nesigqibo sokususa uMkhomishinala wezokusiNgqongileyo e-ofisini.

Ngokuhambelana noMgaqo-siseko kazwelonke, ivoti exhasayo yesininzi saMalungu iyafuneka ukuphehlelela isigqibo esiphumeza umgqatswa ukuba onyulwe njengoMkhomishinala weNkonzo yoLuntu wePhondo; kwakunye nophehlelelo lwesigqibo esimemelela ukususwa e-ofisini koMkhomishinala weNkonzo yoLuntu wePhondo (iCandelo 196 (8)(b)(iii) nele (11)(c) oMgaqo-siseko kaZwelonke).

Posbus 648, Kaapstad
8000, Suid-Afrika

PO Box 648, Cape Town
8000, South Africa

PO Box 648, Ekapa
8000, Mzantsi Afrika

www.wcpp.gov.za
+27 21 487 1600